

Ikhawudi Yokuziphatha Yeshishini LaseKeller

Indlela esiziphatha ngayo ithetha lukhulu. Sisonke, sifak' isandla kwisithethe saseKeller kwaye izinto esizenzayo okanye esisilelayo ukuzenza, zibachaphazela ngokuthe ngqo abantu abasingqongileyo. Kwaye into nje enye oyenzayo okanye olibalayo ukuyenza ingalutshabalalisa udumo lwethu, izabelo zemali kunye nekamva lethu.

Ikhawudi Yokuziphatha Yeshishini lethu yandlala izinto ezimbalwa ezilindeleke kubantu esisebenza nabo, abakuyo nayiphi na indawo nabakulo naliphi na ishishini likaKeller esilisebenzelayo. Lo Mthetho udibanisa izinto ezintathu ezigcina sikhuselekile:

1. **Umthetho** - simele silandele umthetho maxa onke – ngundoqo ukuze abaxumi bethu basithembe
2. **Iindlela zethu zokusebenza** – apha sinikwa uludwe lwenkcazelo, isikhokelo nenkxaso ekhuselayo ukuze kuqinisekiswa ukuba asophuli umthetho:
 - **Ukugcina wonk' ubani esempilweni**
Sikholelwa ukuba akukho mntu umele enzakale ngenxa yomsebenzi esiwenzayo – ngoko wonk' ubani uhlala ekhuselekile kwaye engabikwa hlaba.
 - **Ukuxhasa amalungelo nokungafani kweemvelaphi zabasebenzi**
Sixabise, sixhasa kwaye sikhusela amalungelo nesidima somntu ngamnye kwakunye nokungafani kweemvelaphi zabantu – ngoko siphatha bonke abantu ngembeko.
 - **Ukulondoloza isimilo sokuziphatha kakuhle nangokunyaniseka**
Sihlala sinyanisekile, senza izinto ngokuthembeka kwaye sithobela umthetho – ngoko wok' ubani uyasithemba
 - **Ukuhlala singenanto isidibanisa nokunyoba norhwaphilizo**
Sihlala siqinisekisa ukuba asinanto isidibanisa nokunyoba norhwaphilizo kwaye iiprojekthi sizifumana ngendlela engenakhwiniba – ngoko abantu bayazi ukuba izigqibo zethu zenziwe ngezizathu ezifanelekileyo.
 - **Ukugcina unxibelelwano lwethu luvulekile kwaye lunenkathalo**
Sinxibelelana ngokukhulululekileyo, ngokunyaniseka, ngokucacileyo nangokunenkathalo
 - **Ukunikezela ngenkonzo yabaxumi esemagqabini nesebenzayo nabaxhasi bethu ukuze siqinisekise ukuba imilinganiselo yethu kuyabanjelelwa kuyo**
Sisebenzela ukufikelela iintswelo zabaxumi bethu size sibethe nangaphezu kwento abayilindeleyo – ngoko basebenza nathi amaxesha ngamaxesha. Siqinisekisa ukuba sakha ulwalamano olwakhayo nabo sithenga kubo kunye nemilinganiselo esisebenza ngayo.
 - **Ukusebenza phakathi kwabahlali**
Senza izinto ngenkathalo nangentlonelo kubahlali esisebenzela phakathi kwabo – ngenxa yokuba siyinxalenye yabo.
 - **Ukukhusela indalo esingqongileyo**
Siyayihlonela kwaye siyayikhusela indalo esingqongileyo, kwaye siyalinciphisa ifuthe esinalo kuyo – ngoko sikhusela ikamva

- **Ukumela into elungileyo**

Sisoloko sithetha xa sikholelwa ukuba imigaqo yethu ijongelwa phantsi – ngoko siyabambisana ukuphakamisa imigaqo yethu.

3. **Izinto Esizixabisileyo** – ezona zinto zingundoqo kwizinto esizixabisileyo **kukuThembeka, Umbambiswano** kunye **Nokugqwesa** ziqinisekisa ukuba sihlala sisenza into elungileyo kumqabane ethu, abaxumi bethu, abo banambango kunye nabahlali – amaxesha amaninzi side sigqithele ngaphaya kunokuthobela nje umthetho kunye nendlela yethu yokwenza izinto.